STBB The Big Small Firm

## UQHELEKILE YABADALA

- ☐ **I-FICA yoMthengisi kunye noMthengi** - Incwadi yesazisi kunye nobungqina bendawo yokuhlala engaphantsi kwenyanga ezinthathu.
- ☐ Ingaba umthengisi uyinikile **ibhanki isaziso senjongo zakhe** zokucima ibhondi?
- ☐ Ingaba umthengisi unayo **itaytile yokuqala** (ukuba indlu ayinabhondi)?
- ☐ **Imeko yomtshato** yomthengisi nomthengi: ukuba batshate ngomthetho welinye ilizwe fumana idilesi yendawo ibihlala indoda ngexesha ebetshata ngalo.
- ☐ Ingaba **imeko yomtshato** yomthengisi iyeyatshintsha emveni kokuba ethathe indlu (uwuqhawule umtshato, ngumhlolo okanye utshatile)?
- ☐ Umthengisi okanye umthengi **uke wadlelwa izinto zakhe ngenxa yamatyala?**
- ☐ Ingaba **isiqinisekiso/isatifikethi sombane** sikhona? (esingaphantsi kweminyaka emibini ubudala). Ukuba asikho kufuneka kuhlolwe okokutsha kukhutshwe isiqinisekiso.
- ☐ **Isiqinisekiso seBeetle** - uhlolo malenziwe emva kwentengiso ngaphandle ke ukuba isivumelwano sentengiso sithi sizakuba semthethweni phambi komhla wentengiso.
- ☐ **Isiqinisekiso serhasi:** siyafuneka ukuba indlu inendawo esebenzisa irhasi. Kufuneka sikhutshwe phambi kokuba kuhlaliwe okanye kukhutshelwe egameni lo mthengi. Lo nto kufuneka yenzeke kwiminyaka emibini phambi kokuba kufike umhla wothengiswa. Lo nto kufuneka ichatshazelwe xa kusenziwa isivumelano sentengiso.
- ☐ **Isiqinisekiso Sokulungiswa Kwemibhobho:** esi sisetyenziswa ngumaspala wesixeko saseKapa.
- ☐ **Isiqinisekiso/isatifikethi Sokufakwa Kocingo loMbane:** Qinisekisa ukuba umzi unalo ucingo lombane.
- ☐ **Izinto ezonakeleyo:** kufuneka umthengisi azilungise. Aphinde azichaze kwingxelo efunekayo malungana nobume bendlu yakhe.
- ☐ Kufuneka ufumane **ubume bemo yomhlaba.**
- ☐ Yeyiphi **imiqathango yetayitile ethintelekayo?** Fumana ikopi yetaytile kumthengisi okanye kwi ofisi yetaytile uyithumele kumthengi ayibone ukuze amkele yonke into ebhalwe kuyo.
- ☐ **Ingaba umthengisi akangomhlali malunga neenjongo zerhafu?** Ukuba indlu ixabisa izigidi ezimbini (R2 Million), kufuneka kusetyenziswe umgcini mali/accountant
- ☐ **Ingaba ukhona umqeshi kwindlu?** Fumana isivumelwano sokuqesha – uyahlala okanye uyahamba umqeshi? Sichaphazele esisivumelwano xa usenza isivumelwano sentengiso kwigatya lokuhlala.
- ☐ **Ingaba irhafu iyabhatalelwa?** Ihlawulelwa ngumthengisi ukuba inyusiwe phambi kokukhutshelwa kwendlu, ngaphandle ke ukuba isivumelwano sentengiso asiyichaphazeli.
- ☐ **Xa usayina ngemimiselo ye power of attorney?** Fumana ikopi. (kufuneka ibenomhla waphambi kwesivumelwano sentengiso.)
- ☐ **Ukuba yinkampani:** ingaba umsayini uyagunyanziswa ukuba athengise okanye athenge? Ingaba ikhona into echaza oko?
- ☐ Ingaba **inkampani** isekwi rejista yenkampani okanye isusiwe?
- ☐ **Ukuba umthengisi okanye umthengi uyi Trust,** kufuneka kubekho isibophelelo kwi Trust umhla phambi kokuthengisa okanye zonke iTrustees zisayine isivumelwano sentengiso. Ukuba ayenzekanga lo nto esisivumekwano sentengiso asizukuba semthethweni. Kufuneka ufunane ikopi yeLetters of Authority.
- ☐ **Khumbula:** Umthengi akayikusayina njenge Trustee kwiTrust esele iza kwenziwa. Intengiso yolohlobo ayivumelekanga.
- ☐ **Ukuba licandelo leTayitile yeCandelo,** Fumanisa ukuba umohuhlisi unalo ilungelo lokuphuhlisa. Ukuba unalo, umthengi makaziswe avume ukuba uyakuhlala ebotshelelwe kwisivumelwano sentengiso.
- ☐ **Umthengisi yi VAT Vendor?** Kufuneka uthethe nomgcini mali/accountant womthengisi
- ☐ **Ingaba irhafu yengeniso yomthengi nomthengisi** zikwisimo esilungileyo
- ☐ **Ingaba iintlawulo neerhafu** zikwisimo esilungileyo?
- ☐ Ingaba kukho **iqumrhu labanini zindlu?** Fumana iinkcukacha.
- ☐ **Iiplani zokwakha** ezivunyiweyo zikhona xa usenza ufakelo notshintsho endlini ezifunwa yiKansile

stbb.co.za

Commercial Law | Conveyancing | Development Law | Labour Law | Estates | Family Law | Litigation | Personal Injuries & Third Party Claims


| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| Cape Town | T: 021 406 9100 | Blouberg | T: 021 521 4000 | Centurion | T: 012 001 1546 |
| Claremont | T: 021 673 4700 | Tyger Valley | T: 021 943 3800 | Bedfordview | T: 011 453 0577 |
| Fish Hoek | T: 021 784 1580 | Illovo | T: 011 219 6200 | East London | T: 043 721 1234 |
| Helderberg | T: 021 850 6400 | Fourways | T: 010 001 2632 | | |